basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LOKUQALA (P1)

## FEBRUWARI/MATSHI 2017

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: Iiyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha ali-12.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo ngaNYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-50
   ICANDELO B: Imizuzu engama-30
   ICANDELO C: Imizuzu engama-40

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

**ISIPHELO**

1 Yonke into enesiqalo kufanelekile ukuba ibe nesiphelo njengokuba nento ephilayo kufuneka emva kwexesha elithile iphelelwe bobo bom ibuphilayo. KwaXhosa kuthiwa into engapheliyo iyahlola. Kuzo zonke izinto ezinesiqalo <u>neziphilayo</u> akukho nanye kuzo eya kusiphepha siphepheke ngokupheleleyo isiphelo. Zonke ke izinto ezikhoyo **zithambekela esiphelweni zithanda zingathandi.**

2 Kukho abantu abanesiphiwo sokuyincekelela into xa beyiqalile baqiniseke ukuba bayafikelela esiphelweni sayo. Akukho nto imbi njengokuba umntu aqale into ayiyeke phakathi okanye esithubeni agqithele kwenye nayo eza kuyiyeka engayigqibanga. Umntu obaluleke ngokungagqibi nto ubaluleke ngento embi yaye kufuneka amawabo athethe naye bucala amcenge ukuba azilumle kuloo mkhuba. Enye indoda yakha yabalisa ukuba ekukhuleni kwayo kwakukho umakhi owayedume kunene ngokuba nesakhono kumsebenzi wakhe wokwakha. Isandla esihle saloo makhi sasiphoxwa yinto nje enye yokuba umfo lo akukho sakhiwo wayekhe asigqibe kungaxanjuliswananga naye kangangokuba **ngamanye amaxesha** kude kuyiwe ezinkundleni zamatyala, enyanzelwa ukuba awugqibe awuqolishelise umsebenzi wakhe. Eneneni wayenyanisile lo wadiza ukuba akukho nto abakhi abaninzi abadume ngayo njengokuvukwa ngumtha wedolo iindonga zezindlu abazakhayo zingaxhonywanga.

3 Lo makhi wayekhokhelisa ukuhlawulwa imali yokuqamangela lowo ufuna ukwakhelwa, imali eyaziwa ngokuba yi*deposit* ngolwimi lwasemzini. Akufumana esi sixa-mali wayesebenza kuqhum' uthuli, aphaxazise udaka, eqamele ngamaqhetseba angaqondakaliyo kanti loo msebenzi yayikukuqukeza nje komntu onamaqhinga nolele emqokozweni. Abantu babesithi besajonge umakhi osisinxada-nxada asuke aphel' emehlweni eyokugqumza kwenye indawo. Kwezo zindlu wayezakha loo makhi ezinye zazo wayezishiya zisezizinza nje ezingenakwenzela nto mntu ngaphandle nje kokuba ngamaziko okubasela abafazi ngomhla wetheko. Ezinye wayezishiya zizindonga eziphakamileyo zokunceda abantwana abadlala undize. Zazikho ke nezo wayezishiya engazigqibanga ukuzixhoma zincede indoda ethanda imfuyo yayo ngokuyivalela apho xa izulu lisibekele, lizisa kakubi.

4 Kuyabonakala ukuba into engagqitywanga iyakwazi ukujikwa phantsi kweemeko ezithile iqhutywe iye kuphuma kwinkalo eyayingamiselwanga kuphuma kuyo. Umntu angaqalisa ukwenza idyasi kodwa ngenxa yokungabinawo umonde nentumekelelo yokuqhubela phambili loo msebenzi awuqalileyo ingagqibela loo dyasi sele iyibhatyi. Nomntu onobungcali bokubumba umdongwe uyakwazi ukuqalisa esenza umphanda koko agqibele sele encamele ekwenzeni ingcaza engacacanga nobo bungcaza izingca ngabo.

5 Linokuba liyinene elokuba phantse kwimizi yonke zikho izinto ezaqalwayo koko ngenxa yezizathu ezithile azagqibeka. Omnye umfo owayekuthanda gqitha ukucheba wayekhe ababize abantwana bakhe abalithoba babe luthotho phambi kwakhe, bethozamele ukuchetywa. Wayethi esacheba owokuqala atsalwe ziinwele zomnye amshiye phakathi lowo ebesele eqalisile ukumcheba kanti uya kude ayokufika kowokugqibela kungekho namnye amchebe ngokufanelekileyo nangokugqibeleleyo. Aba bantwana babeba lilifa lentsini koogxa babo sel' engekho lowo wayebagunde ngathi bashiywe amatshanda ngamagundwana.

6 Apha ebomini kuyafuneka ukuba umntu aziqhelise ukuyigqiba into ayiqalileyo kuba xa angakwenzi oko igqibela seyifana nesibetho into yokungagqibi nto. Omnye umfo wathunyelwa ngabazali bakhe ukuba aye kufundela uMthetho kwiDyunivesithi yaKwaZulu. Wachitha nje iminyaka emibini apho waqhawula ngokungekho mthethweni engawugqibanga loo Mthetho. Waya kuwa kwiDyunivesithi yaseKapa apho wafika wafunda ezoQoqosho nakuba wayengabonakali ekwazi kwakuqoqosha impahla le yakhe. Wagqiba iminyaka emibini nalapho wavukwa likakade lakhe engazigqibanga ezo zifundo zoQoqosho kanti engaqokelelanga nanye into eqokelelwa ngumfundi oneenjongo zokuba sisithwala-ndwe ngokuthweswa isidanga. Waya kwiDyunivesithi yase*Rhodes,* eRhini, apho wafunda ubuNtatheli kodwa wachitha apho iiveki nje ezimbini wemka engenabhongo eqonda ukuba usukele intak' endala esithi lithole. Kolandela lowo unyaka waya e*Fort Hare* apho wazama izifundo zoLimo koko lamphosa nelo thamsanqa kuba enesibetho sokungagqibi nto. Sibhala eli nqaku nje ngoku useRhini kwisikolo soqeqesho bufundisi esaziwa ngokuba yi*College of the Transfiguration.* Nalapho akahlalanga koko uxhwarhe ngempundu enye ngeli xesha esalaqaza okukanogqaza ukuba uza kuwa kweyiphi indawo.

[Sithathwe kwincwadi ethi *Imfinca-mfincane* ebhalwe nguLL Ngewu; iphepha 38–39]

**Jonga kumhlathi 1**

1.1.1 Xela ukuba athini amaXhosa xa into ingapheli. (1)

1.1.2 Tolika intsingiselo yesivakalisi esibhalwe ngqindilili. (1)

1.1.3 Nika isichasi segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokomxholo wesi sicatshulwa. (1)

**Jonga kumhlathi 2**

1.1.4 Khankanya into eyayiphoxa isandla salo makhi. (2)

1.1.5 Chaza ukuba cebo lini elinokwenziwa ukunceda umntu ongazigqibiyo izinto. (1)

1.1.6 Xela inqanaba lokwakha apho abakhi bathi baphathwe ngumtha wedolo xa besakha. (1)

1.1.7 Chonga ibinzana elithetha umsebenzi omhle ngokwakulo mhlathi. (1)

**Jonga kumhlathi 3**

1.1.8 Bhala isifanokuthi segama, 'ngamaqhetseba'. (1)

1.1.9 Wayebaqamangela njani abafuna ukwakhelwa lo makhi? (1)

1.1.10 Xela ukuba ibinzana '... aphel'emehlweni' lisisaci na okanye liqhalo. (1)

1.1.11 Caphula ubungqina bokuba izindlu ezingagqitywanga zaziyinceda indoda ethanda imfuyo. (1)

**Jonga kumhlathi 4**

1.1.12 Nika ingcamango ephambili yalo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi 5**

1.1.13 Ngqina ukuba isiphumo sokushiywa kwabantwana bengagqitywanga ukuchetywa sasingalunganga. (2)

**Jonga kumhlathi 6**

1.1.14 Dwelisa izifundo zibe ziBINI awazifunda akazigqiba umfo ekuthethwa ngaye kulo mhlathi. (2)

1.1.15 Caphula amabinzana amaBINI athetha ukuba lo mfo useza kuhamba nakwi*College of the Transfiguration.* (2)


**Kwitekisi yonke**

1.1.16 Chaza ukuba esi sicatshulwa singaziguqula njani iingqondo zabantu abangazigqibiyo izinto abazenzayo. (2)

1.1.17 Xela ingcamango edlelelelayo efumaneka kwesi sicatshulwa. (2)

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**




[Uthathwe ku-www.google. images.com waze wahlelwa]

1.2.1 Khetha impendulo echanekileyo: Ukuqinisa umlomo kumntu woku-1 kutyhila ntoni kwezi?

A Ukuzimisela
B Ukungafuni
C Ukunqena
D Ukuzisizela (1)

1.2.2 Yintoni eluphawu lwenqanaba lemfundo anayo utitshala? (1)

1.2.3 Xela izini zabantwana abakulo mfanekiso. (2)

1.2.4 Nika umyalezo odluliswa ngulo mfanekiso. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo, ze usishwankathele unike iimpawu ezinqwenelekayo kwintombi eza kuzekwa. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma-70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo, ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

### ISICATSHULWA C

**INTOMBI ENDINQWENELA UKUYIZEKA**

Zininzi izinto ezijongwayo phambi kokuba umfazi eze emzini. Indawo yokuqala ekufuneka iqwalaselwe entombini sisimilo nokuzola. Ukuba asikho isimilo emntwini usuka afane nqwa nehagu. Sithi sakudingeka kuvele ezinye izinto ezinjengekratshi, ukuziphatha kakubi, njalo njalo. Umfazi ongenaso isimilo usisiqalekiso emzini wakhe uphela.

Indawo yesibini, yingqondo yakhe ukuba injani na, uyakwazi na ukuyibona into entle nembi. Ukuba ingqondo yakhe ikrele-krele woba ngumfazi olungileyo, nokwaziyo nalapha emzini wakhe ukudibanisa imihlambi eyalanayo.

Enye indawo ekufuneka ingadingeki emfazini kukukhuthala. Intle into yokuba umfazi acoceke, umzi ube mhle, apheke umzi ube shushu ngenxa yakhe. Uthi ukuba ulixelegu, umhambi abone kwangezindlu nebala, ngathi akuhlali bantu. Wakungena endlwini ufika kumdaka umfazi kwanentsapho nendlu ngokwayo. Yiloo nto inkuthalo ibalulekile emntwini oza kwenda.

Ubuhle nabo bunendawana obungena kuyo, kuba nabani na akanako ukuzeka intombi engxolisiweyo nangenakuyikhomba phakathi kwabantu.

Kuyafuneka abe noqoqosho, angadyiwazi imali, athi xa ukutya bekusele ngezolo angakulahli enze olunye udidi lokutya ngako. Umfazi ongenalo uqoqosho uyawuchitha umzi kuba kakade imali ngunozala weengxabano.

Kwimihla ekhoyo nemfundo kufuneka ingadingekanga emfazini, nokuba asiyomfundo iphakamileyo. Asiyonkqubela phambili into yokuzeka iqaba elingazange liwubone umnyango wesikolo. Abanye ke basuke bacinge ukuba ukufunda yiyona nto iphambili ukanti ke yenye yezinto ezifunekayo.

Inyameko nayo ibalulekile. Intombi efika emzini kufuneka ifunde izimo zabantu efikele kubo. Oku akwenzeki ngexeshana elifutshane. Njengoko sendikhe ndathi akukho nzwana ingenasiphako, kunzima ukuba umfazi abenazo zonke iimpawu ezilungileyo. Kodwa ubukhulu becala ezi zikhankanyiweyo zezona zingundoqo.

[Sithathwe kwincwadi ethi *iimvamvanyo ZesiXhosa ebhalwe* nguMS Siwundla iphepha 69; saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

## UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

## ISICATSHULWA D




[Uthathwe kwi*BONA*; Februwari 2014; iphepha 76 walungiselelwa uviwo]

3.1 Bhala isilogani sesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.2 Chaza ukuba sijoliswe koobani esi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.3 Xela umsebenzi welogo kwizibhengezo-ntengiso. (1)

3.4 Caphula isivakalisi esisetyenziswe ngenjongo yokuqinisekisa abathengi ngokulunga kwale mveliso. (1)

3.5 Xela igama lale mveliso ithengiswayo. (1)

3.6 Nika iindlela zibe MBINI ekunokuqhagamshelwana ngazo nabakwaRainbow. (2)

3.7 Ingaba lo mfanekiso wenkwenkwe evule umphako uyahambelana nomyalezo wesi sibhengezo-ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.8 Khetha umsebenzi wesihlomelo esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi.

Zenziwe <u>ngeyoqobo</u> inyama yenkuku!

A Kukuchaza isibizo.
B Kukuchaza isenzi.
C Kukucacisa isenzi.
D Kukucacisa isibizo.

(1)
**[10]**

**UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI**

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**

**ISAKHELO 1** **ISAKHELO 2** **ISAKHELO 3**




[Ithathwe kwi-www.Africartoons, yahlelwa]

4.1 Dwelisa izinto zibe MBINI ezibonisa ukuba esi sibini sisekhitshini. (2)

4.2 Caphula igama elibolekwe kolunye ulwimi kwisakhelo 2. (1)

4.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Kwisakhelo soku-1 kusetyenziswe ielipsisi ngenjongo ... yokubonisa.

A intetho ecatshulweyo
B ukunqumama kwesithethi
C ukushiyelelwa kolwazi
D kucaphula okungagqitywanga (1)

4.4 Thelekisa izenzo zikaLizo kwisakhelo sokuqala nesesithathu. (2)

4.5 Xela ukuba intetho engezantsi libinzana na nokuba sisivakalisi.
'Sukuzamisa kanjalo'. (1)

4.6 Ibonisa ntoni impendulo kaLizo ekwisakhelo sesi-3? (1)

4.7 Nika umyalezo odluliswa yile khathuni. (2)
**[10]**

**UMBUZO 5**

5.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo ebuzwe kuso.

**ISICATSHULWA F: IPROZI**

'**Tyhini!** Wangathi ungunyana kaMiya nje? Ungubani? Thetha man sukundijonga ezinzwaneni,' ubuzile uGxakhweni kuLanga esikhululweni sikaloliwe.
'Ayithethi na le nkwenkwe?' liphinde latsho ilizwi elirhabaxa.
'Andiyonkwenkwe yakho,' uphendule uLanga eshukuma, *ihlandza* sisengxoweni.
'Uyindoda? Kanene wadlula nini umguyo wakho? Wabuza uGxakhweni ephuma, ezenza umntu okroba ululiwe ovela ngaseMthatha. Ubuye selehleka ngoku ecela nengxawa kuLanga.
'Anditshayi, mhlekazi,' ulandule obecelwa.
'Phofu uya phi nempahla engaka?'
'Ndikwindlela esinga eDikeni.'
'Yintoni khona kule misebenzi ingaka elapha yezifundiswa?'
'Ndiya kufunda.'
'Eyiphi incwadi?' Kwee cwaka?
'Ndiyokuqala eyeshumi elinambini.

[Sicatshulwe kwincwadi, 'Ulwimi lwesiXhosa' nguHW Pahl nabanye, iphepha lama-114. Yaze yalungiselelwa uviwo.]

5.1.1 Xela ukuba lisisiphi isigaba sentetho igama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

5.1.2 Nika uhlobo lwesenzi esinomgca ngaphantsi kwesi sivakalisi.

Thetha man sukundijonga ezinzwaneni. (1)

5.1.3 Bhala esi sivakalisi singezantsi sibe kwimo evumayo
Andiyonkwenkwe yakho. (1)

5.1.4 Bhala ngokuchanekileyo igama elibhalwe bukekela kwisicatshulwa. (1)

5.1.5 Guqula isimelabizo sokukhomba sodidi lokuqala esinomgca ngaphantsi kwesi sivakalisi sibe sesodidi lwesibini.

Ayithethi na <u>le</u> nkwenkwe. (1)

5.1.6 Bhala isivakalisi esingezantsi sibe kwimo ende.

... <u>sukundijonga</u> ... (2)

5.1.7 Xela isizathu sokusetyenziswa kukanobumba omkhulu kwigama elikrwelelwe umgca.

'Ndikwindlela esinga <u>eDikeni</u>.' (1)

5.1.8 Nika udidi lwesichazi esinomgca ngaphantsi kwesi sivakalisi.

Liphinde latsho ilizwi <u>elirhabaxa.</u> (1)

5.1.9 Khetha indlela esisetyenziswe ngayo isifanekisozwi esibhalwe ngqindilili kwezi zingezantsi.

Kwee **cwaka:**

A Sisetyenziswe nesixando sokwenziwa.
B Sisetyenziswe njengesihlomelo.
C Sisetyenziswe sandulelwa yimo emfutshane ka 'thi'.
D Sisetyenziswe safinyezwa kwixesha elizayo. (1)

5.1.10 Bhala isifanokuthi segama elinomgca ngaphantsi.

'Ndikwindlela <u>esinga</u> eDikeni.' (1)

5.1.11 Bhala ngokuchanekileyo esi sivakalisi singezantsi.

UGxakhweni wambuza uLanga ukuba kanene wadlula nini umguyo wakho? (2)

5.1.12 Sebenzisa igama 'uloliwe' njengesenzi kwisivakalisi ukubonisa ukuba uyayazi intsingiselo yaso eyahlukileyo kule ikwisicatshulwa. (1)

5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G: UMFANEKISO**




[Uthathwe kwi*BONA*; kaMatshi 2015 iphepha 46 walungiselelwa uviwo]

5.2.1 Chonga isenzi esinesimamva sesixando sokwenzela kwitekisi. (1)

5.2.2 Khetha isihlanganisi esichanekileyo kwizibiyeli uze uhlanganise izivakalisi ezingezantsi. (ukuba/ukuze)

Cwangcisela ingomso. Ube ngumntu onempumelelo. (1)

5.2.3 Yakha isivakalisi esikwixesha langoku ngokubona kulo mfanekiso. (2)

5.2.4 Bhala izivumelanisi ezichanekileyo endaweni yezinomgca ngaphantsi.

Ukucwangcisela ingomso <u>bu</u>za neziphumo e<u>si</u>hle. (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**